# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS223 & XHS223E

DEGREE EXAMINATIONS
November 2019

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks : 100

This paper consists of 4 pages including the cover.

Internal Examiners
Prof. N.P. Satyo
Dr N Z Gxekwa
Dr M Ganiso
Dr D Spofana
Dr S S Mdaka

## Instructions

Phendula imibuzo ibe Mine.
Uphendula ube Mnye kwicandelo ngalinye.

XHS223 & XHS223E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

## ICANDELO A

Umbuzo 1

**Inzuzo: S.E.K. Mqhayi**

Qweqwema uqaqambise izidanga nezidabane atshila ngazo uMqhayi ekubhebhetheni iBhilitane nako konke okunxulumene nayo kule miqolo ilandelayo.

[25]

AA! ZWELIYAZUZA!
ITSHAWE LASE BHRITANI

NguMzimbuyaqhum'elokubuliswa;
NguMzimbuyavuth'elomteketisa;
NguZweliyazuz'elibizwa ngasemva
NguTshawuzimiban'elibizwa yiMbongi;
Sinnika!

Phumani nonke nize kufanekisa!
Phumani zizwe nonke nize kufanekisa!
Sisilo sini n'esi singaziwayo?
Singajongekiyo singaqhelekiyo?
Yaz'ithi kanti yile nabulele;
Isilokaz'esikhulu seziziba;
Yaz'ithi kanti ngulo Makhanda-mahlanu,-
Inyok'enkulu eza ngezivuthevuthe;
Yaz'ithi kanti ngulo Gilikankqo,-
Isil'esikhul'esingaziwa mnguxuma.
Le nt'umzimb'uyaqhuma ngathi liziko;
Le nt'umzimb'uyavutha ngathi lidangatye;
Le nt'iqhuqhumb'iintlantsi ngathi nguSindiya-ndiya
Le nt'itshawuz'imibane ngathi sisibhakabhaka;
Sinnika

Yez'inkwenkw'omgquba yomthonyama!
Yez'ixhom'indwe yaxhom'ugijo;
Yez'ifak'umnzunga yafak'iphunga;
Yez'itsho ngezidanga nezidabane;
Yez'itsho ngobumbenjewu bobuhlalu;
Yez'inobulawu nobuqholo;
Yez'inetyeleba nezifikane;
Yez'inomtho nomthombothi;

Hay'kodw'iBhritan'eNkulu,-
Yeza nebhotile neBhayibhile;
Yeza nomfundis'exhag'ijoni;
Yeza nerhuluwa nesinandile;
Yeza nenkanunu nemfakadol.

XHS223 & XHS223E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

**Umbuzo 2**

**2.1 Umyezo: J.J.R. Jolobe**

Uncwadi jikelele lubonwa njengesipili sentlalo. Imibongo lolunye udidi loncwadi oluveza oku, ngqiyama ngombongo oqhotyoshelweyo othi "Intlakohlaza" kwincwadi kaJ.J.R.Jolobe ethi *Umyezo*. Hlalutya lo mbongo uveze umongo wawo utsho kananjalo ukuba usivezela ngendalo.

*[25]*

INTLAKOHLAZA

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Mvuseleli, sithi tyaph' ufike.
Luhi' uhlaza olwambes' umhlaba,
Neentyatyambo ezigqagqeleyo.

Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil' uhlininika, umbi—
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile, wambeth' amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ibisozela yonk' into eyindalo;
Mphaphamisi, uyivuse yonke.
Emithini isandi seenyosi
Neseentaka asiswelekanga.

Yonwabile nayo imifula,
Iyadloba ngokwamatakane,
Ihlokoma, idanduluka isithi,
"Ntlakohlaza, siyakubulisa!"

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Silandeli sobusik' obubi.
Mfudumezi emva kwamakhephu,
Mniki-bomi olandel' intshazo.

XHS223 & XHS223E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

## ICANDELO B

### Umbuzo 3

**UNgodongwana : P.M. Ntloko**

Isimo sentlalo yimo ntlalo. Kuko konke okuphathelele kwindawo nexesha eliqhubeka kuyo ibali. USatyo (1983-201) unaba enjenje xa echaza isimo sentlalo:

> "Isimo sentlalo siquka zonke izinto incwadi eyakheleke kuzo , izinto ezifana nexesha kunye nentlalo yabantu. Ezi zinto zizo eziza kuthungelana zenze umda ocacicileyo apha emdlalweni. Ezi zinto zenza umda wazo ocacileyo kwisimo nomoya weziganeko zencwadi leyo."

Funda le ngcaciso ingentla , wandule ukuchaza ngemo ntlalo nomoya esiwuphefumlela encwadini kule ncwadi kaNtloko.

*[25]*

### Umbuzo 4

**4.1 Buzani kuBawo: W.K. Tamsanqa**

Xhents'uzombelela uqeqebule unobangela wempixano kule ncwadi kaTamsanqa .

*[25]*

**OKANYE**

**4.2 Buzani kuBawo: W.K. Tamsanqa**

Kule ncwadi uTamsanqa ubonakalise indlela amalungelo wabantu ababhinqileyo angahlonitshwa ngayo. Yitsho kuvokotheke ngale nkcazelo kwaye unike nemizekelo elapha encwadini yoku ukutshoyo.

*[25]*

Umbuzo 5

**5.1 Emgxobhozweni : B.B Mkonto**

Xoxa banzi ngomxholo wale ncwadi wayame kanobomi kwisihloko sayo esithi

[25]

OKANYE

**5.2 Inene Nasi Isibhozo: A. Mtingane**

UMaSukude wenziwe wangumlinganiswa ocalanye kule ncwadi. Ngqina oku okanye ukukhabe. Bonisa ingxoxo yakho ngemizekelo ecatshulwe encwadini.

[25]

ICANDELO C

Umbuzo 6

**6.1 UDon Jadu: S.E.K Mqhayi**

Phakula uphindelela kule ncwadi uqaqambise isakhono salo mbali ekwambathiseni inkcubeko yakwaXhosa endulo ngesihomo nobuhandiba .

[25]

OKANYE

**6.2 UDon Jadu: S.E.K. Mqhayi**

Zoba zonke izinto neengxaki awahlangana nazo uDon Jadu kuhambno lwakhe. Yintoni le yayingamonwabisanga kwiimeko awahlangana nazo? Mizamo mini awayenzayo ukuphucula iimeko ngeemeko endleleni yakhe? Tyatyadula ngotshintsho aluqaphelayo ukubuya kwakhe kolu hambo ngenxa yeemfundiso zakhe.

[25]

Umbuzo 7

**Ubulumko bezinja: R. Siyongwana**

Khwahlaza kwincwadi ethi **"Ubulumko bezinja"** ubonise iqhakuva lokhwekhwe kwimpixano ekhoyo phakathi kukaKholisile noTawuse nezinye izinja. Mabutake ubungqina bale mpixano ngokukhokelwa ziziganeko ezisencwadini.

*[25]*

---

## ICANDELO D

Umbuzo 8

8.1 Loo mhla zibuyayo : P.T. Mtuze

Xoxa ngezinto zibentlanu eziphambili ekufanele ukuba zilandelwe xa kuhlalutywa ibali elifutshane .

*[25]*

OKANYE

8.2 Loo mhla zibuyayo : P.T. Mtuze

Ibali elifutshane , njengokuba negama lisitsho , alinamhlaba mninzi ovumela ukuba umbhali anwenwe okombhali wenoveli . Ngoko ke izinto ezichatshazelwayo nezo zisetyenziswayo nezixhobo ezo aza kuzichaphazela kufuneka ziquphe. (Satyo - 1983) Chaza ke wena ezi zinto ziphambili nekumele ukuba zilindelwe xa kubhalwa ibali elifutshane . Zekelisa nangaliphi ibali kumabali ache.

*[25]*

OKANYE

**8.3 Kwezo Mpindo Zetsitsa: *A.C.* Jordan**

Kwibali elifutshane elithi, "Iindonga ziwelene" bonisa indlela elakhiwe ngayo. Kwingxoxo yakho chaphazela ezi ngongoma:

- Ukuvula
- Isakhelo
- Unxunguphalo
- Ixesha elibonisa ukuba izinto ziya ziba mandundu.
- Uvuthondaba
- Isiphelo

*[25]*

Umbuzo 9

**9.1 Ugeme: P.T. Mtuze**

Chonga ilivo libe linye uze ubonakalise injongo yombhali kwanemfundiso afuna ukuyiphuhlisa ekubhaleni kwakhe eli livo.

*[25]*

OKANYE

**9.2 Kuphilwa ngamntu M.D.Dinginto**

Khawusebenzise ithiyoyi yothiyo-magama nethiyori yokusebenzisa iimpawu nemiqondiso ebalini ngokuthi uchonge iziganeko ezithile kwibali elithi "Izimanga zasekuzeni kokusa" kule ncwadi yakho ithi **Kuphilwa Ngamntu** ebhalwe nguM.D.Dinginto.

*[25]*

-----------------------------------------------------------